4.5.2 Zonke iimbalelwano zikaMasipala maziguqulelwe kulwimi olusemthethweni ngololwimi unxibelelwano belufunyenwe ngalo, ngaphandle kokuba uxwebhu loguqulo lwesiNgesi lugcinelwe amarekhodi kamasipala nokuqhutywa kwezomthetho. Umasipala makazise abaxumi bakhe ukuba uxwebhu lwesiNgesi luyakusetyenziswa kwinqkubo yezomthetho.

4.5.3 Onke amaxwebhu kamasipala ekufuneka abekwe kuvimba, ngokwezizathu ezephathekayo zokulawula, makafumaneke ngesiNgesi njengolwimi lokurekhoda.

4.5.4 IsiNgesi masisetyenziswe nguMasipala kuxibelelwano lwamazwe ngamazwe, kodwa uMasipala makenze inkonzo zoguqulo zibekho kunxibelelwano olumiselwe umzuzwana ngololwimi ilizwe lilikhethayo.

4.6 Abantu anangalwaziyo ulwimi

Umasipala ngokusisicelo kufuneka anikezele ngokuzimfuno kwabo bangalwaziyo ulwimi xa kuyimfuneko.

5. UKUHLOLWA KOMGAQO-NKQUBO

5.1 Umasipala uyakuthi aqhube rhoqo upichotho olusulungekileyo lwangaphakathi nagaphandle ukujonga iimfuno zolwimi nezakhono zolwimi kubasebenzi bakamasipala kunye nabahlali baseTshwane

5.2 Iyuniti yeNkonzo zeeLwimi iyakusebenzisa iziphumo zoluphicotho ukuhlaziya nokuhlola kwakhona umgaqo-nkqubo.

5.3 Iyuniti yeNkonzo zeeLwimi kufuneka ihlole rhoqo ukusebenza komgaqo-nkqubo kwaye ilungise oko kuyimfuneko

Malunga nolwazi oluthe vetshe ngomGaqo-nkqubo weelwimi, nceda qhagamshelana no:
Landela Nyangintsimbi
Tel: 012 358 4762,
Fax: 012 358 7453 or
Email: landelan@tshwane.gov.za.

© 2005 FIFA TM

UMGAQO-NKQUBO WEELWIMI WESIXEKO ITSHWANE

Le ncwadi iguqulelwe kuzo zonke iilwimi zelizwe. Ndingaya nakweyiphi indawo emhlabeni ibali lam lingafumaneka ngololwimi. Apha ndifumaneka kuphela ngesiNgesi. Ndifuna ukubayinxalenye yeelwimi zelizwe lam. Ulwimi lomntu alufanelanga ukuba lufe. Kungako ngikholelwa kuguqulo, ukuze thina sikwazi ukuhlala sonke.

Umongameli wangaphambili uNelson Mandela, xa ebuzwa ukuba kutheni efuna ukaba i-The Long Walk to Freedom iguqulelwe kwiilwimi ezilishumi elinanye zoMzantsi Afrika njengoko kucatshulwe ku-Antjie Krog's *ukutshintsha kolwimi*

Umgako-nkqubo wokuthetha iilwimi ezininzi udlale indima enkulu kwinguqu zomZantsi Afrika ukuxhasa inkulululeko ngokupheleleyo. Abantu abanakulindelwa ukuba balandele umthetho babe bengawazi

(Kristina Cunningham.)

1. INTSHAYELELO

IsiXeko saseTshwane samkela umgaqo-nkqubo waso ngomhla we-2 Agasti 2007. Umgaqo-nkqubo ujolise ekuncediseni isiXeko ukuphumeza inkxaso engathethekiyo kuluntu ngolunceda ukuba luthethe kwaye lufikelele kwiinkonzo zikamasipala ngosusebenzisa ulwimi abalazi ngcono. Sikwanikeza izikhokelo ngendlela uMasipala afanele kuphumeza ngayo ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwiinkqubo zonxibelelwano ukuqinisekisa ukuba bonke abahlali bayafukelela kulwazi nakwiinkozo zikamasipala.

2. UKUSETYENZISWA KOMGAQO-NKQUBO

Lomgaqo-nkqubo ungasetyenziswa ngabasebenzi bakaMasipala, ngabahlali baseTshwane, ngabanikezeli zinkonzo kunye nasiphi na isicelo esenziwa kuMasipala esimalunga nokusetyenziswa kwanokuziqhelanisa nolwimi

3. IINJONGO ZOMGAQO-NKQUBO WEELWIMI

Iinjongo zomGaqo-nkqubo weeLwimi –

- kukuqinisekisa ukuphakamisa inqanaba lokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni zikaMasipala;
- kukwenza kubelula ukufikelela kulwazi nakwiinkonzo zikamasipala
- kukukhusela ukwahlukana kweelwini nokuphucula intlonipho ekusetyenzisweni kweelwimi ezininzi nobunye kwiyantlukwano; no
- kuqinisekisa ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kulawulo olululo nakwinkqubo yonxibelelwano kuMasipala.

4. IZINDULULO ZOMGAQO-NKQUBO

Ezi zindululo zilandelayo zenziwe ngokubhekisele ekusetyenzisweni kweelwimi kuMasipala:

4.1 Iilwimi ezisemthethweni zaseTshwane

Isixeko saseTshwane sithathe iilwimi esintandathu njengezisemthethweni, ezizezi:

- Afrikaans
- English
- Sepedi
- Xitsonga;
- Setswana; and
- isiZulu

UMasipala wenze inzame ngokusisicelo ukusebenzisa nezinye iilwimi zeRepublik yoMzantsi Afrika, kuquka uLwimi lokuthetha ngezandla lwaseMzantsi Afrika kunye neBraille xa kuyimfuneko.

4.2 Unxibelelwano lokuthetha lwangaphakathi

4.2.1 Naluphi ulwimi olusemthethweni lukaMasipala lungasetyenziswa njegolwimi lokunxibelelana lokuthetha ngaphathi kwalo kunye namanye amasebe, ngaphandle kokuba bonke abantu abakolonxibelelwano bayaluqonda ololwimi luthethwayo.

4.2.2 IsiNgesi sithathwe njengolwimi lokuthetha lokusebenza kunxibelelwano lwangaphakathi nakwamanye amasebe. Olunye ulwimi olusemthethweni lukaMasipala lungasetyenziswa, ngaphandle kokuba bonke abo bayinxalenye yonxibelelwano bayaluva.

4.2.3 linkonzo zokutolika ziyakusetyenziswa ngokwesicelo ukuqhuba unxibelelwano kwiBhunga, kwintlanganiso zesiCwangciso zesiXeko nakwizaluleko, kunye nayiphi na intlanganiso/ucweyo/inkomfa.

4.3 Unxibelelwano lokuthetha lwangaphandle

Umasipala kunxibelelwano lwakhe lokuthetha kufuneka azame ukwanelisa bonke amaxumi bakhe ngolwimi abalwazi ngcono xa kuyimfuneko.

4.4 Unxibelelwano lokubhaliweyo lwangaphakathi

4.4.1 Ukuphucula inkqubo eyiyo, isiNgesi lulwlimi lokusebenza lukaMasipala, kwaye ngokusisicelo uguqulo kwezinye iilwimi ezisemthethweni zikaMasipala luyakukwenziwa lubekho.

4.4.2 Nangona kungekho msebenzi uthintelwayo ukusebenzisa ulwimi alithandayo elisemthethweni nangaliphi ixesha, onke amaxwebhu kamasipala afuna ukugcinwa kuvimba ngenxa yezizathu eziphathekayo zolawulo kwaye kufuneka enziwe abekho ngolwimi olo abhalwe ngalo nagesiNgesi ukwenzela ukurekhoda

4.4.3 Ukusetyenziswa kolwimi olusulungekileyo kumaxwebhu kamasipala angaphakathi makukhuthazwe ukuphucula unxibelelwano nolwazi.

4.5 Unxibelelwano lokubhaliweyo lwangaphandle

4.5.1 Umasipala makenze naziphi iinzame ukuphucula ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwiwebsayithi yakhe kunye nakupapasho lwangaphandle ngokuthi asebenzise zonke iilwimi zikaMasipala